IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, NOVEMBER 17, 1884. [No. 3.

J. no-C. HEDDING,

Abatengisi bempahla Yama-Xosa,

Kwi Venkile Yakwa Ngqika,

e-QONCE.

Ikwangabo e-MKANGISO,
Kwa-TESE,
Kwi Xesi elilunge ne NCABASA.

Abatengi bo-boya, nezikumba Zenkomo ne-zempahla emfutshane ne mpondo.

—

M. KEEVY & CO.

(Kwivenkile ebisakuba yeka Ngomti)

E-Bolorweni, nakwi strata sase Durban, nakwa Komani.

Abatengi nabatengisi bempahla ngempahla.

Amaxabiso amakulu ayani-kwa ngo Boya, Nezikumba, ne-ntwana zonke ezitengiswayo.

KANGELA APA.

Umhlobo wenu u Mrs. STEINMETZ,

JAGERSFONTEIN, O.F.S.

Ovenkile ipambi kwe Kantoor, uyazisa ukuba ivenkile yake usandukuyilungisa wayandisa.

Ininzi impahla entsha efikileyo. Yonke impahla yalevenkile ngoku ihlisiwe emananini. Yiyona venkile itengelayo e-Jagersfontein. Inempahla zentlobo zonke zamadoda nomankazana. Ngena ngapakati uzibonele.

IBULUKWE zokusebenza nezokavata ziyalala.

Ibatyi, Ihernpe, Iminqwazi, Imibalo, kunye nezihlangu, &c.

Intlobo zonke zokutya ziko.

lswekile nekofu elungileyo. Umbona, Namazimba. Kwindlu yokubaka kwenziwa intlobo zonke zezonka. Ozikook, Nesonka-Somtshato. Yiyona Bakhuis inezonka ezilungileyo.

Kuko Nendlu ecokisekileyo yokudlela.

Izixana zifunyanwa amaxa onke. (Akutengiswa tywala).;

Qonda.- Impahla yalevenkile ilunge (i good koop) yonke.

JOHN ROBERSON,

EMANTLA NE TOLE,

phesheya kwe Nciba, kwela Mamfengu,

umtengi nomtengisi wofani ngofani,

Izikumba zenkomo nezempahla emfutshane zitengwa ngemali.

SITUATIONS.
Vacant and Wanted.

The Imvo large weekly increasing circulation for a New Paper throughout the Colony and the adjacent Territories, is the best means of advertising for Native Servants with recommendations.

Terms—Three insertions, 5s. cash, for parties advertising Vacant Situations.

Kubamkeli be-Mvo.

NJENGOKUBA kuko uku ngaqondi nge-

mali ezihlaulelwe le-Kota, singa singenza incazo yokuba esisenzo asiteti kuba amapepa awaku tunyelwa kwakuba ngumhla wo 31 December, 1884. Into leyo ibonisa ikota ahlaule pakati kwayo umntu. Oku kwenzelwa akwenza lula umsebenzi woku lungisa incwadi zentlaulo.

BONISANI!

IMAZI yehashe engwevukazi, enopau lwe-nkonjane kwindlebe yase-Kohlo, umsila utiwe oupe kancinane wanqunyulwa walungelelana. Likumnyaka wesilozo. Ondi landisayo ndise Telegraph Office, Butterworth.

DANIEL M. NKAI.

IMIXAKA.

UKUBA Ama-Xosa awa-bambisa ngemixaka kogama lingezantsi awayiputumi emva kwecawa ezimbini ukususa kolwanamhla iyakutengiswa ukufeza indleko.

GERARD ORDEMANN.

Emdizeni, 10 November, 1884.

INGOMA.

INTLOBO zonke zencwadi zamaculo, nento zokucula i-Violin, i-Concertina, ne Godiyana, Amaxilongo ne Fleyite, njalo amaxabiso ahlile kunene. Into zegubu elikulu nelincinane ezitshipu kunene.

Intwana ezilila kamnandi ezibetwa ngo- mlomo, ezimaxabiso aqale kwi 3d ade aye kwi 10s.

Incwadi ye Noti, ibotshve kakuhle enamaculo a 120 *ane korasi. Ixabiso layo yi* 2s 6*d kupela.*

Yonke lempahla yokuvuma ifunyanwa kwa JAMES HYDE.

E Qonce.
6 *Nov.,* 1884.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo, noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi esesitatu, No.* 3, *Kwinkundla, ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma-zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma. calana onke e-Koloni.

G. N. TUDHOPE,

Umenzi wemifanekiso,

Umtengisi wencwadi nemapepa,

E-QONCE.

Uvule ivenkile yama-Xosa kufupi nendawo aquba kuyo lomsebenzi nngentla.

U-boya, izikumba zempahla emfutshane nezenkomo zitengwa ngamaxiso apakamileyo anikwa emarkeni.

Yizani Maxosa, Tengani kuye !

Imifanekiso yenziwa ngesheleni ezisixenxe ezine sikisipani xe imitandatu.

J. HILNER,

Umenzi wentsimbi zamaxesha,

E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobo ntlobo zemisesane. iwotshi,

Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha atile.

JOHN J. IRVINE & CO

Abatenga impahla kwamanye amazwe,

Nakweli,

Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

Nezempahla emfutshane,

BEMPONDO,

Nokudla, njalo njalo

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenja- lo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa nge- nto esukuba itengiswa anikowa apa.

JOHN J. IRVINE & CO.

PASCOE BROTHERS.

Lempahla intsha inokubonwa

KWA-PASCOE, AYLIFF STREET.

I-SETINE (Silika) emhlope ne Alpaka, Izivato zomtshato esezenziwe, nezitofu zokutshintsha zentlobo ezinizi, Izigubungelo zomtshato neNtyantyambo, Izihlangu, Iskirts ezimhlope, ne Bodi (impahla yekabakatzi ke leyo) Izitezi, ne Bonet, Iprinti ezikanyayo, nezidaki nezi brown (mfusa) ziqala kwitiki iyadi. Ikeleko ezimhlope nezi-brown, I-linzi eziqala kwi-tiki iyadi. Ikwilt ezimhlope nezinamabala.

Impahla yomtshato nezitofu ezitengiswa nge yadi azidli amaxabiso makulu.

Into eninzi yetyali ezifanele intombi ezizakutshata nabatshakazi.

Uhlobo esigcina ngalo ingubo esezenziwe zabatshakazi lubanga ukuba abantu abaza kutshata abavela kwindawo ezimgama batenge babe noku. goduka kwalomini.

Kwivenkile yakwa Sigingqi, e-Qonce.

29th October, 1884.

J. W. WEIR & CO

Abatengi nabatengisi bofani ngofani,

Nabangenisi kweli bempahla yamanye amazwe

Base Market Street

e-QONCE.

Imvo Zabantsundu.

AMAGOSA.

Ukuze umsebenzi opatelele eku hanjisweni kwelipepa uhambe ngokukapu kapu kumiswe amanene kwindawo ngendawo ukufeza imicimbi engalo endaweni nase gameni lomninilo. Indawo ezizintloko ezilindelweyo koli-Gosa zezi:—

(a) Kukumela ilungelo yepepa ngoku- zama bonke abanokulesa ukuba balam- kele.

(б) Kukukumbuza abamkeli ngazo zonke inyanga ezintatu ngentlaulo yepepa, eliyakuti i Gosa liyitumele kumpati-pepa e Qonce.

(c) I Gosa kwakona lomela ukuvakalisa izikalazo zabantu bomandla walo ngento zonke ezipatelele ekuhanjisweni

N.B. Akunakumiswa bani ekubeni li-Gosa kwindawo engenabo abamkeli abalishumi bagoselweyo.

Amagosa endawo ngendawo okwa

namhla:—

Alicedale.....	. Mr.	Stephen Nikelo
Beaconsfield.....	,,	Jonas Msikinya
Burnshill.....	,,	James Figilan
Dordrecht.....	,,	James Maqubela
Fort Beaufort....	,,	S. B. Msutwana
Fort Peddie—		
Tyityaba.	,,	Thomas Mqanda
Rura:.....	.. Rev.	Boyce Mama
Kimberley.....	.. Mr.	. M. M. Kosani
Herschel.....	,,	K. Kayo
Jagersfontein.....	,,	Chas. Z. Ntozini
Jansenville.....	,,	S. Ndubela
Kamastone	,,	Chas. Tukwayo
Peelton.....	,,	W. B. Rubusana
Port Elizabeth	,,	John S. Adams Paul Xiniwe
Queen's Town—	,,	R. T. Nukuna
Somerset East—	,,	D. K. Vandala
St. Mark's.....	,,	D. Dwanya
Tarkastad.....	,,	Isaac T. Motaung

Abamkeli be-Mvo banokuhlaula reg uit kwi-ofisi le ise Qonce, mhlaumbi kuma Gosa. Imali inokutunyelwa nge-zitamp zehalafu nemaliyeposi mhlaumbi nge-tshek eagmeni lika J. TENGO-JABAVU.

Indleko yokutumela imali yeposi neyo- kwanana itshek e-Bankeni ayinaku- melwa siti. Otumela itshek makeleke nexabiso lokuyanana e-Bankeni.

Iveki.

U-RULUMENI wa Majamani ucele kwibandla elimisela imiteto lakona nkuba linike igunya lokuba kuhlaulwe i-Ruluneli namapolisa e-Koloni yawo eselunxwemeni olunge- ntla kwe Kapa.

EKUYENI kwabo kwela Bahlambeli, o-Mr. Upington no Mr. Sprigg bahambe no Mr Marais ilungu le Parlamente elili Bulu lase Paarl.

IPEPA lase Paarl (ibotwe lama Bulu) liti kuko itemba lokuba u-Mr. Kruger, umonga. meli we Transvaal uyakuhlangana ngesiqu no Mr. Upington no Mr. Sprigg, ngemicimbi yela Bahlambeli.

INKOSANA zamajoni ezise Natal zivakalisa ukuba zifuna amahashe atengisayo akuma- kulu amane.

NGAMAQELA omane amajoni ekuvakala ukuba eza kweli lizwe evela kwindawo ezi- njengoma Gibraltar noma Ngilane, eza ku. nye nenkanunu ezizintlobo ezintsha zona.

SIYAVUYA ukuva ukuba akuko mntu une-ngqakaqa e-Komani. Umfo obenayo upilile, abanye ababini bafile.

U-MR. F. SCHEMBRUKER osisandla sema. ntyi e-Komani ukutshelwe kwakulomsebenzj e-Aliwal North.

SIVA ukuba ngase Glen Grey kusanduku bako unyikimo lomhlaba obelwandulelwe lududumo pofu kungeko nolifu ezulwini.

KUTIWA omnye umntu ohliwe yinqakaqaka use Steynsburg ngase Cradock.

IMVULA ezintle ziwe nakumandla wase Somerset East.

NGO 6 November kwakuko umvumo kwi-tyalike yase Rabe e-Bayi upetwe ngu Mr- Paul Xiniwe. U-Mr. Wauchope walesa ipepa " Ngembali yama Xosa oko lati langena ilizwi." Isihlalo sasigcinwe ngu J. Brister Esq., i-Mayor. Ngenxa yobubi bezulu aba- banga baninzi abantu. Yati i-Mayor maze kubuye kuvunywo. Umvumo wesibiui ngati- ungase Town Hall.

IPEPA lase Aliwal North liti kuko intsebelele kwelo zokuba ezigusha zibiwayo azibiwa gabamnyama bodwa.

UMBALELI ose Molteno ubika ezokubo ngqakaqa kulomzana wabo iyancipa. Apa ikona ihamba ngekuba-kuzilwa kuse Cyfer. gat.

SIVA ukuba imvula zine kakulu nase Mam. pondweni. 'Ayalima kubi; awazanga alime ngangokwanonyaka ngapambili.

U-COLONEL WARREN unduluke Pesheva ngo 11 November ngomkombe oyi Grantully Castle. Inkosana ezipantsi kwake ngo Captain Walker no Sir Bartie Frere (unyaua wenene elaliyi Ruluneli kweli lizwe). Baya kwizipitipiti zela Bahlambeli.

ITYALA alipendulelayo u-Samuel Moroko liqale ukuviwa ngo 10 November yijaji enku. lu yase Free State u-Chief Justice Reitz.

I-RIXI litumele isicelo kumhlekazi u-Sir Hercules Robinson ukuba aze abuye ngakona ukuvela e-Dayiman avule uloliwe ovela eCawa nakuba engekagqitywa kanye.

KUVAKALA ukuba kumandla ka Ndabeni Engcobo umfo ontsundu udutyulwe li Bulu ngokusuka liranele ukuba unengqakaqa.

KUKO konke esikuvayo kuko itemba lesivuno esihle ngalonyaka. Into embi okwangoku busela obugquqisileyo.

U-NOBANDA, isanuse, owabulala umfazj kwelakwa Adamkoko no Sandile owabulala umntakwabo baxonywe entolongweni ngo Mgqibelo. Amanye amadoda amabini awa. yegwetyelwe kwa ukuxonywa, amiselwe ngoku iminyaka emashumi mabini. Akukavakali nto ngomcimbi ka Nomayeza. Kuko noko umhlaba wokutemba ukuba akasakuxo- nywa.

SIVA ukuba ngenxa yokuswela kuka Rulu meni imali u-Mr. Streatfield ukutshiwe ebu mantyini ngase Nqabara.

U.MR. N. 0. THOMPSON obesisandla sema- ntyi, e-Ngqamakwe ukutshelwe kwakulondawo e-Tsomo. U-Mr. Fuller obekwasisandla e-Gcuwa ubekiswe kwa Kentane.

IPELILE ngoku iDgqakaqa e-Jagerefoutein.

IJAJI yase Free State imfumene engena. tyala u.Samuel Moroko ngendawo yokuba ulaulo lwa Mabulu lungenagunya emhlabeni wa Barolong.

KUKO inteto yokuba amalahle afunyenwe ngase Tsolo.

I-RULUNELI igaleleka e-Kimberley ngo Lwe-sine oludlulileyo.

I-RULUMENI ipendula umemo Iwase Rini ite ayisakuba nakuhambela kweso sixeko ekugodukeni kwayo. Kodwa iyatemba ukuba yoka ihambele kweli lizwe kufupi nje okwe. veki ezintatu.

U-RULUMENI wapesheya unikwe igunya yi Palamente lokuba aze asebenzise i £725,000 kwela Bahlambeli xa kubonakala ukuba ma. kuliwe.

BONKE ababanjwa ababese ntolongweni ngokupatelele kwizipitipiti zela Barolong ba. kululwe e-Blomfontein ngolwe Sihlanu.

KUNCONYWA ukubalela e-Fraserberg kula ndawo yaka yayakuhlolwa zinkosi zase Ngqu-shwa ezazino Mbane bo Matomela. Indlala iyanuka kwelozwe.

OKO beke kwatiwa akuseko mntu ngoku e-Komani kwindlu yengqakaqa siva kutsha nje ukuba sekubuye kwangena batatu abeza nayo bevela e-Molteno.

ELIXESHA umongameli wakwa-Ruluueni wemicimbi yemiteto, u Mr. Upington, akwela-Bahlambeli indawo yake ibanjiswe u W. H. Solomon, Esq., M.A.

I PALAMENTE yase Transvaal imisele kuleveki idlulileyo umteto wokuba kutengiswe imipa neruluwa kwaba mayama abapantsi kolaulo lwaMabulu.

I-RULENELI U Sir H. Robinson ubenzelwe isidlo sembeko eDayimani wenza inteto ate pakati kwayo ulaulo IwaPesheya luzimisele ukungenisa uxolo kulo lonke eli lizwe.

E BAYI kumbiwe uugxuma omkulu ezaliswe ngento eziluhlazo ezidliwa yimpahla, zigcinelwa ubusika uselelwe ngoku uyaku. vulwa kwakona ngo March, 1885.

LISAZOLILE elakwa Zulu. Kune nakona imvula ezinkulu—bayalima nakuba into eswelekileyo ingumbona.

Imvo Zabantsundu.

UBUSELA.

KUKO konke esikuvayo nesikulesa ezikorantini ubusela bubonakala bukula ngokoyikisayo. Enabanina onga elicala le-Koloni nama pesheya kwe Nciba angacuma, emelwe kuba nenyungu akuziva indaba zobusela ezizalise amapepa endaba ngezimini. Akuko bani unokuti konke okubonakala emapepeni kupela kobusela obukoyo.

Yindibane okukoyo pakati kwabantu. abazikalo zingadli ngokubonakala emapepeni. Inyaniso yona yeyokuba ubusela abuxalise mafama amhlope odwa kodwa buyinkatazo na-kwabamnyama abapile ngempahla kupela. Lento simelwe kuyivakalisa kuba kuko inkolo eyaneleyo yokuba ngenxa enokuba into eninzi yamasela ifunyanwa kumblambi wakowetu, maube wonke umzi uyakolwa busela, ubukutaza kanjako. Abo baziyo uhlobo obebutiywe ngalo kwangemini zamatanci ngumzi omnyama, inteto enje kubonakala ukungabinyaniso kwayo kwa isakankanywa bambi nabamhlope bayakuti kuba, maxa wambi, bati nabangemasela babonakale bengazinikele ekucengcelezeni konke aba- kwaziyo ngempahla osazeke umko-ndo wayo ungeniswe emzini abakuwo, lonto ibonisa ukuba bayavumelana namasela lawo. Oku asizimisele kukukanyela. Singa kodwa singegqaba lendawo ukuba obu butuntu bokuxela umkondo busuka eloyikweni lwenkontyolo ngenkontyolo zomteto wa Mangesi.

Akuko mntu untliziyo ilungelele-neyo uno kuvumelana nobusela: sizinxadanxada sonke ukufuna apa na pesheya kwe Nciba ukufuna iqinga lokubupelisa ubusela. Itolongo ilingiwe ayincedanga nto, isuke yawadlisa yawanika indawo yokulala, yawambatisa amasela, yawanika kwakona ituba lokuzama amaqinga okuhambisa ubusela. Ikatsi isuke yawabangela okunye amasela nakubeni abesiti amadoda adume ngengqondo iyakunceda. Oku kungemangalise bani. Amasela, amhlope namnyama, ngabantu abalahlekwe yintliziyo apa nabani angenakuyigcina indawo yake xa apunywe yiyo. Ikatsi ibanga abantu abanje ukuba basifumane kwaoko isohlwayo sabo zebabuye bakululekele uku- hambisa ububi pakati kwabantu. Ipepa lakwase Qonce apa licebisa ukuba makwenziwe ukuba umoya wabantu wokucasa ubusela uvakaliswe ukuze namasela aqonde; kodwa ukulunga okuyakuveliswa sesi senzo siyakutandabuza, nakuba okokwaso singenangozi, ngati kuti siya kukutaza ukuba abeva ubunzima ngenxa yokubelwa badubule abantu. Sikolwa ukuba imvo yabantu seloko ibucasile ubusela—kunjalo kumhlambi wakowetu. Into ebalulekileyo kwe-zimbali zobusela kukuba amapolisa wona amsulwa, ekubeni abaninimpa- hla benokubekwa ityala. Ekokubeni kade amafama ebelwa ebengati umntu angaba ngoku endwebile ngasemaseleni kunokuba kunjalo ngoku; kodwa yinto esimanga ukuba igusha zibiwe imihla nezolo amabatu angamashumi mahlanu kude kuye ekulwini ze kanti amafama awanakunika ingxelo ehlutisayo ngokubiwa kwazo kumapolisa. Enye into emayikunjulwe kukuba lemihlaba yamafama ngoku seyaba ngumnata zintango zengcingo nomhlaba wonke seuzele ngamapolisa. Yinto engadli ngakubonwa ke ukuba imihlambi emininzi kangaka ibiwe ngangoko kuvakalayo. Oku ke kubonisa kuti ukuba onke amacebo ate alingwa awancedanga luto.

Eyakowetu indlela yokusebenzana namasela ibinceda kakulu. Isiko lakowetu alinawo amaroba anje. ngalawo abange e-Xesi ukuba isela elibuvumayo ubusela balo lipume enkundleni yamatyala njengomntu osimilo simhlope, kuba kungeko mntu oti ulibonile liyibamba igusha nakuba yona inyama ifunyenwe endlwini yalo. Elixa umteto wase Mangesi uzekazekana nenteto, owakuti uhleli pezu komxolo wento. Kowetu xa umntu abileyo usuke adliwe ixesha ngalinye—into ebingahlwempuzisi mnininto kodwa ibimenza atyebe okunye. Ukuba beliti isela lingayaleki koku belisiwa enkosini ebiti ilinike inkomo ukuba lifuye lize lifunde ukuzipilela. Beliti lakujokisa ngobusela libulawe.

Singa ke abantu bakowetu bangenza imizamo yokuba buncipe ubusela: bonakalisa ilungelo yetu kwane-yamafama. Isiqamo sako sesoku" dutyulwa kwabantu okuti ngamaxe- sha amaninzi kulandelwe kukuba ababulali abo bakululeke nasema- tyaleni—into ke leyo ebeta wonke umntu abe siruquruqu. Ukulahle ka kwempahla yinto ekoyo, kodwa iseyeyomniniyo impabla naxa ilahle- kileyo. Lendawo mayiqondwe ka-kuhle, ze igcinweke ke njengoko.

Amanqaku.

PAMBILI Ma-Afrika! Kusand' ukumiswa Intlanganiso ya Balimi kumzi wakwa-Kamaigamalayoyi "Ntlanganiso ya Balimi basi Magqunukwebeni." Baninzi abayakutonyalaliswa loludaba olubunandi bungaqele kuviwa kulomzi. Umbaleli wetu okulomzi uti lentlanganiso iqalwa ngemvume ye nkosi u Welem ngokwayo, ode kuba ebengeko wabala incwadi yenkutazo. Sibona ngovuyo ukuba lomcimbi uxinelwe ngamapakati amakulu izihandiba ezinjengo James Mama, Petros Maipasi, Gana Kaba, Klaas Nyikana, Solomon Dlakkiya, Lot Ngxale no Jacobus Kobokana—amadoda atete ngemfaneleko yokusinga pambili enokwenziwa ngentsebenzo eya ngakona kupela. Umzekelo ka-Kama wokupuma ebuhedenini ukuza ekukanyeni ukunjulwe ngeratshi nangemihlali. Abayakupata imicimbi bemi ngoluhlobo :— Umo-*ngameli,* Lot Mama; *Ababali,* William Mama, Daniel M. Ndevu ; *Umgcini-ndye- bo,* Samuel P. Maipasi; *Igqugula,* J. P. M'fenqe, William Mtshozeni, J. M. Mba- va, P. G. Bukani, M. P. Hashe, Jacob Kitsi, J. M. Ndevu, R. M. Nyikana, Philemon M. Rexe. Amalungu akumashumi amane anamatatu.

LEMBUTO, ekungumhlali kuti ukuba zixelwe siti indaba zayo, iyakuba nomsebenzi omkulu kanye kulo mandla ka- Kama, odume ngobuhle nokucuma oku- nga setyenzwa ngokwaneleyo. Xa sicinga ngendyebo engaveliswa ukuba ute wasetyenzwa ngohlobo asebenza ngalo Amajamani, asimangaliswa kufumana ungumyezo ka-Naboti kwinto enintshi. Elibandla litsha selinamadoda eliyakuwasebenzisa, anjengamadoda antsundu angafunyanwa apa napaya ku- lomhlaba ka-Kama ngakumbi e Peuleni amadoda abelima ingqolowa nombona ngonyaka omnye kulomhlaba wawo Asitandabuzi ukuti elibandla lingafumana, litanda, inkutazo yezenzo kwinto ezinjengamabaso emali ku Mangesi nebandla labalimi lalomzi. Singa ngayo yonke intliziyo yetu Amagqunukwebe angabonakalisa ubudoda benyaniso ngokuti elibandla alenze into epilileyo pakati kwawo. Bekunganjanina libandakanywe nolwase Cala, ezimokolweni, esiti tina mabe olu luzelwe lulo, siyatemba ke ukuba nololwase Batenjini; luyakulunceda olu lungu mntwana walo. Solukangela ngokutomalala ekuhambeni kwalo.

UMBALELI we *Cape Argus* ose Knysna ebala ngomcimbi wokuba u-Rulumeni ezise emapepeni uti :—

Kufuti ndisiva kucetyiswa u-Rulumeni ukuba xa sazeke efuna kwenziwe umsebenzi efuna abangawenzayo olumemo malungenziwa epepeni lakwa Rulumeni kodwa—ipepa elingafundwa nangabo balamkelayo—kodwa ngekumemezwa na- ngawo omabini amapepa emini afikelela nafundwa kuzo zonke indawo. Abanye bati oku kuya kuba nendleko; nditi mna ukuba u-Rulumeni uyazisa uyakusindisa imali, kuba bayakuba baninzi abatumela izicelo zokuwenza umsebenzi omawenziwe ngexabiso elipantsi; ibe nento eyingenisayo i-Rulumeni.

Le okwenene yindawo yokurorelwa; ibe ke kuyakubeka pina kwabo abanjengabafundi belipepa,ngulomhlaba abati ukuze bade baqonde inteto ka Rulumeni basebenzise odolose ba Besutu. Siyatemba noko ukuba u-Rulumeni woda asilungiselele isicelo saba. ntu sokuba izaziso bazifumane nabo *nteto yabo.*

KOMNYE umhlati singenisa imvo ye koranti ngekoranti zale koloni ngepepa eli *li-Zimvo* zomzi. Kuyatomalalisa ukufumana onke ekolisekile.

UMBALELI wepepa lase Rini i *Eastern Star* ose Dayimani uti ngomcimbi ona- ndipekayo kuti ngezimini:

Kwincwandi yam yukugqibela ndandizimisele ukukuncomela ihambiso entle yamadodana antsundu asebenza elucingweni apa avela e-Dikeni. Andivumelana- nga nenteto ka Dr. Stewart awayibekisa kumadodana ase Lovedale, makabe lamadodana awafani nonintshi lwabantu bako-wawo. Manditi ndinexesha ndiyitiyile indlela ekufundiswa ngayo e-Dikeni, kodwa ndiyavuya ukuti lamadodana awenza ngokukolisayo umsebenzi wawo, ngamadodana azindilileyo. Ndiwabona yonke imihla akutele. atembekile, azinikele emsebenzini ekolisa umxelo kanye, nokuba zizipina ingcamango zika Dr. Stewart ngabantu abantsundu andivumelani naye, endite ke namhla make ndimncome ukumkutaza emsebenzini wake. Lamadodana angumzekelo nakwabamhlope. Ndazi ndodona entsundu ese ipumelele uviwo olupambili, kodwa ibingenamaqabane, endingatandabuzayo ukuba ibingena mvo-

siqinileyo zokuzindila ngenamhla seyabuyela ebuhedenini. Ukuba udodana oluntsundu kufuneka luhambele pambili masilunike izindlu. Emva kwemfundo e-Dikeni nase Nxukwebe ongqupantsi mababe yimihlanziso kuwo. Lamadodana anendlu efanelekileyo. Izindlu zizona ziseko encubeko ya Mangesi.

Abo bayifundileyo inteto *ka* Dr. Stewart yakutsha nje yabamnyama, esisiqino soba njengendawo enomtombo entlango.

LONDON GAIK A C.C.

Lomdlalo we Bola wawuse East Lon- don (e-Monti) nge29th September 1884 pa- kati kwe "Try Again C.C." yase Qonce ne "Gaika C.C. yase Monti." Ikaba lase Qonce lafika nge Train yakusasa ngalomi- ni. Kwati ngo 10. 30. a.m. afala amadodana etafeni lokudJala, kwenziwa Iqashiso lokungena lawela kwi Qonce. Yangena kuqala "i-Monti," yatumela o-Messrs- Mdonga no Ntsepe ezi wiketini, babole-lwa ngo Messrs. Fisher no Butler, kwati ngexesha elifutshane zacitwa i stumps zika "Mdonga yibola ka Butler, wapuma esebenzele icala lake 2 runs. Kwangena u-Malgas wenza 12 runs, wangumsebenzi ukumkupa. Langena lada lapela ikaba lase East London. Lenza 35 runs nge 1st Innings. I Try Again yangena yenza 20 runs, yayi bolelwa ngo Messrs. Maigas no Soga base East London. Ngo 1 o'clock kwayiwe e Lantshini, kwati ngo 2 oclock kwabuywa kwadlalwa. Yapinda yangena i East London yenza 18 runs Total 53- yangena ne "Try Again C.C." yenza 18- Total 38. Yoyiswa ngoko i Try Again C.C. nge 15 runs. Yayiyimini emandi kwabo babeko. Kwadlalwa kakuhle kakubi. Noko kwaka kwako izikalazo kumacala omabini, zada zambini i Umpires zase East London zigxotwa, (ngo Messrs. C. Rebe no R. Siwundla) ngokungawenzi umsebenzi wazo ngokufanelekileyo. E- nye ye Bowlers ze Try Again u Butler wagwetywa nave ngokubola kwake ku nye no Fisher babe gibisela ekuhleni" Babe baninzi ababoneli, amanene nama nenekazi, ayelangazelela uloyisa lwe Monti. Yati yakoyisa, lwaluvuyo olukulu I Try Again C.C. yayi xube ne members ze Champion C.C. vakwase Qonce. Li-xesha lesibini eli i Try Again C.C. isoyiswa yi Gaika C.C. amagama Siyawalande lisa.

GAIKA C.C.

1ST INNINGS.

J. Maigas, b Fisher.
R. Soga, b Fisher.
J. Mbusi, b Fisher.
E. Thomas, b Buttler
D. Soga, b Fisher.
W. Siyeka, not out
B. Mngxitama, run out
J. Mzamo, b Fisher
B. Mndonga, b Fisher.
D. Ntsepe, run out.
E. Landule. c Jacobs b Fisher.

Total

2ND INNINGS,

J. Maigas, b Buttler
R. Soga, b Draai
J. Mbusi, b Draai.

E. Thomas, St. and b Buttler D. Soga, b Buttler.
W. Siyeka, not out.
B. Mngxitama, b Buttler J. Mzamo, b Buttler
B. Mndonga, b Draai
D. Ntsepe, c and b Draai
E. Landule, b Buttler,
Extras

Grand Total

TRY AGAIN C.C.

1ST INNINGS.

R. Fisher, c Mzamo b Malgas
P. Draai, c R. Soga b Malgas
W. Seti, b R. Soga.
A. West, b Malgas.
W. Mvalo, not out.
J. Abrahams, b R. Soga.
II. Leitcher, St. Thomas b Malgas
B. Buttler, run out b R. Soga
H. Brand, b Maigas
W. Willocks, b Maigas.
J. Jacobs, b R. Soga
Extras

Total

2ND INNINGS.

R. Fisher, b Soga.
P. Draai, c Mzamo b R. Soga.
W. Seti, b Maigas.
A. West, b R. Soga.
W. Mvalo, b R. Soga
J. Abrahams, b Malgas.
H. Leitcher, St. Thomas b.
B. Buttler, b R. Soga.
H. Brand, b R. Soga
W. Willocks, not out
J. Jacobs, b MaJgas
Extras

Grand **Total**



Ibala Ie Cricket

"TRY AGAIN" C.C. vs. EAST

Impawana.

Nonyaka kubonakala ukuba Umongameli we United States, America, uyakuba ngoweqela lamadoda alaulayo ekutiwa zi Democrats. Ixa eli lonke seloko kwapu- melela owe;Republicans. Umnyulwa ngu Governor Cleveland wase New York.

***

Elinye lamalungu e-Rulumeni ye Nko- sazana Pesheya, libube ngo 10 November- Siteta inene elingu Professor Henry Fawcett, obengumongameli wemicimbi ye Post Office. Ngumfo obeyimfama, kanti noko wafunda wada wapumelela uviwo Iwe M.A. Udume ngencwadi azibale ngesebe lemfundo ekutiwa yi "Political Economy" abezibala encedisana nenkosikazi yake inenekazi elifunde kunene. Ubeke eyi Professor ye Political Economy e-Cambridge.

***

Sifunda kwelinye lamapepa ama Ngesi ukuba kusand'ukutshata umfundisi wase Roma e-London nentombi yompati webanki yase Paris. Umtshato wenziwe ngomnqopiso wase ofisi wahanjiswa ngumfundisi wase Tshatshi. Ngummiselo webandla lama Roma ukuba umfundisi makangatshati. Siyipaula lento kuba ikuza sive ukuba kwenzeke into enjalo yaye kenomenzi lowo ezimisele ukuwuquba umsebenzi wake.

***

Elinye lamapetshana a-Pesheya lisand' ukucela ivoti zabafundi balo nabangengeko ukuba bavote abona bafundisi batandwayo nentshumayelo zabo babelishumi. Akumiswanga ramente itile; kuqukwe zonke, bafumaneke bemi ngoluhlobo:- Cannon Liddon, 296; C. H. Spurgeon, 292; Joseph Parker, 218; Alexander- Maclaren, 212; Archdeacon Farrar, 206; Henry Ward Beecher, 168; Bishop Magee, 150; Cannon Knox Little, 149; Bishop Boyd Carpenter, 101; no JI. W. Dale, 100. Kubonakala ukuba amadoda ase Tshatshi apambili kulempi; Amawesile abaluleke ngokungabiko. Litsho ipepa esiyifumana kulo lengxelo. Ngati kuti, oku bekunokulindelwa kwilizwe elande ngama Tshatshi. Saye tina sisazi kanjako ukuba Amawesile ngamabandla asulungekileyo ukuba angene eluvotweni loluhlobo.

***

Ngazo eziveki zidluleyo bekuko intlanganiso enkulu yamanene afundileyo ekutiwa yi British Association [Ibandla lizinikele ekucedululeni into zobulumko] e-Montreal isixeko sase Amerika. lentlanganiso isigxina sayo sise Ngilane. wufezile umsebenzi yahlukana impi, mapepa ase Kanada (Canada) angene kucukucezeni ukuzipata kwendwendwe angangokuba acukuceze nengubo ezazi etwe ngamaledi. Liti elinye xa liteta namaledi, "Amaledi ama Ngesi avata ngengqondo ngokufanele yonke imigcobo] ngapandle kobuqauquaka bokuzibonakalisa. Isininzi samaledi ase Mangesini sizanelisa ngokuvota kakuhle ngokungabonakalisiyo ukuba sifuna kusoloko kunjongwe kuso sodwa ngenxa enezivato." Anconywa nangokuzipata okuhle. Akwaba lamanqaku ebengafikelela kwi-
ledi ezintsundu ezinjengezo zike zibonakale kwimigcobo enjengeye Navesali. Ukuvata okuqelezelisileyo akufunwa bani. Yivani okutetwa ngama Amerika !

***

Izimangalo zamadoda amhlope esitili sase Dikeni zokuba abamnyama bangabinalungelo lakuvota ziyakuviwa ngo Lwesibini 2 December kumzi wase Dikeni. Kuko itemba lokuba abamnyama bayakukuselwa ngu Mr. R. W. Rose Innes ngalomhla. Inga bangako bonke abama-Ngalelwa. Ingalusizi ukuba bofumane bakutshwe intlaka emlonyeni ngapandle kwesizatu. Siyatemba udodana luyakuwunceda umzi ngokumana liwukumbuza ngomhla lowo. Amadoda ase Ngqushwa nga *ekangela* e-ofisi into ekuqutywa yona ngamagwangqa elozwe.

Ezababaleli.

ISIXOSA.

MHLELI we *Zimvo Sabantsundu ndi*funa ukubuza kumanene akowetu ukuba lamagama sisi Xosa na, nokuba asisiso, yinteto ebolekiweyo siti, nditeta ukuyiboleka kweyama Qwelane, okanye kweyama Grikwa nokuba inga seyisetyenziswa ngama-Qwelane eyiboleka esi Xoseni na? Nantsi:—

Quarander	*Isi Xosa.*
	i-Qiya
	i-Ngqwiniba
	i-Gxalaba
	i-Gqwirha or i-Gqira

wirha

'ixwa or (Tsixwatse) u-Tixo.

tye ke zinkosi namapakati ndine-
emnyama kum malunga nokudi-
bana kwala magama. Liqelakazi elikulu
lemilambo yeli lizwe lama Xosa emaga-
ndingawa qondiyo ukuba atinina eti-
e ngayipina inteto kanjalo yiyoleke:—
ama Xesi, Qonce, Ncwenxwe, Nxuba,
xhaxa, Hoho, Tyolomnqa, kwanoma
arha, kwaneminye imilambo endi-
ziyo ukuba iteta ntonina, kanjalo
ngayipina inteto. Ngokuba emi-
vayi qonda ukuba itiywe ngesi
nje ngo Matole, o Tebelele imi
Gwali neminye imilambo emi-
Ndayeke emapakati ndinicela ngo-
leyo ukuba nindahlulele noku-
onako, indlela yokuhlanga-
lwimi, ndisawa shiya wona
nikwa yezintlanga. Ayeke
sundu akowetu ndisinga
lendawo, aze kanjalo alinge
ezindawo, ngokuba isi Xosa
Grammar ne Dictionary zaso
kungala maxesha nje.

Umsebenzi uya kuba mkulu kubantu abaya kwenza ezo ncwadi belinga ukwahlula lamagama ngendlela zawo ezitenqo.

Nakanjalo bendingati yona okwenteto yesi Xosa ayiseko ilahlekile, kuba yinteto emi ngoluhlobo. Ngamasiko nemikwa, amasiko anjengo kukwekwa ukuhlonipa apo ingxuba kaxaka ikona kwa nentsomi ke yinto eninzi kunene enga sazaziyo, ezizinto kuti, akuseko luhlonipa kubafazi kwane ntsomi akuko mntu uyaziyo ngo- ku ngesi Xosa.

Nanzo ke ezindawo mawaba ndizibekayo kuni, zikangeleni.

Ndim Isicaka senu

FESTUS R. JONINGA.

Port Elizabeth, 28th September, 1884.

Abalimi na Barwebi.

UMBONA unconywa ukunqaba e-Aliwal North. Intwana ebiko nge Cawa edlulileyo emarkeni yakona ifumene 32s. 6d ngenxowa-

E-QONCE, NOVEMBER 14.

INTO eninzi yoboya itengiswe ngo Lwesihlanu kwimarike etenga lompahla. Amaxabiso awayangapi, angapantsi koko abenjalo kwicawe edlulileyo. Imbangi yoko ladaba ngocingo oluvela Pesheya oluti abutengwanga kakulu uboya kumsito obuko kwe-lozwe. Ucingo obelutunyelwe ezikorantini, luncomilq obetulunyelwe kubapati bevenkile ezinkuhlu luvakalise ezindaba zokuhla kwamanani—intoke leyo ebete ehla amanani.

IGRISIS entle itengiswe 5 1/4d, enganeno 6 5/8d. Enye entle kunene ibanjwe ngumniniyo xa abatengi bemi ekumnikeni 5 2/8d. Isiquma esihlanjwe kakubi sidle 6 1/8d. Obuhlanjwe kakuhle bona budle 7 7/8d. OBESEYI-BOKWE buhambe pakati kwe 6d ne 9 3/4d obungebude. Izikumba zisatengwa zona kakuhle amaxabiso okugqibela aseko.

E-MARKENI, NGO-MGQIBELO (Nov. 15).

